## Inkqubo yokuhlola

Inkqubo yokuhlola yenzelwa ukucazulula imisebenzi yokuhlolwa esesikweni kwizifundo zonke ezenziwa esikolweni ngekota.

### Isishwankathelo seemfuno

Le theyibhile iqulethe isishwankathelo seemfuno zenkqubo yokuhlola kwikota nganye kuLwimi Lwasekhaya.

Itheyibhile 3: Isishwankathelo  seemfuno zenkqubo yokuhlola
Ibanga 12

<table>
<tr><th colspan="3">Imisebenzi yokuhlola<br>esesikweni ngeKota</th><th>Iimviwo zangaphandle</th></tr>
<tr><td>Ikota 1:<br>1 Uvavanyo<br>+<br>4 Imisebenzi</td><td>Ikota 2:<br>2 Imisebenzi</td><td>Ikota 3:<br>1 Iimviwo zamalungiselelo zeyoMsintsi zimi ngolu hlobo:<br>3 Amaphepha:<br>Iphepha loku- 1: Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni<br>(70) - 2 iiyure<br>Iphepha lesi-2: Uncwadi (80) – 2,5 iiyure<br>Iphepha lesi- 3: Ukubhala (100) – 3 iiyure<br>+<br>1 Umsebenzi</td><td>Ikota 4:<br>1 Iimviwo zangaphandle zimi ngolu hlobo:<br>4 Amaphepha:<br>Iphepha 1: Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni (70)<br>-  2 iiyure<br>Iphepha lesi- 2: Uncwadi (80) – 2,5 iiyure<br>Iphepha lesi- 3: Ukubhala (100) – 3 iiyure+<br>Iphepha 4: I-Orali (50)</td></tr>
<tr><td colspan="4">Amanqaku ekota (iikota 1-3):<br>• Ikota nganye, dibanisa amanqaku ewonke uze uwaguqulele kwi% yamanqaku ekota.<br>Amanqaku eSBA:<br>• Dibanisa amanqaku ewonke emisebenzi ehloliweyo ukusuka kwikota yoku-1 ukuya kwikota yesi- 3, makangadityaniswa amanqaku eOrali, aze aguqulelwe kuma- 25%,<br>Iimviwo zangaphandle<br>• Guqula iPhepha loku- 1 liye ku- 17,5%,<br>• Guqula iPhepha lesi- 2 liye kuma- 20%,<br>• Guqula iPhepha lesi- 3 liye kuma- 25%<br>• Dibanisa onke amanqaku onyaka emisebenzi yeorali uwaguqulele kwi- 12,5% (Iphepha lesi- 4).</td></tr>
</table>

Inkqubo yokuHlola Ibanga le-12

**Inkqubo yokuhlola**

**Ikota 1**

| Umsebenzi -1 | Umsebenzi- 2 | Umsebenzi- 3 | Umsebenzi -4 | Umsebenzi- 5 |
|---|---|---|---|---|
| *I-Orali:<br>Ukuphulaphulela ukuqonda<br>(15 amanqaku) | Ukubhala:<br>(50 amanqaku)<br>Isincoko: esibalisayo/ esichazayo/ esicamngcayo/ esivelela amacala omabini/ esixoxayo | Ukubhala: (25 amanqaku)<br>Imihlathi: Ileta yobuhlobo/ ezisesikweni (isicelo/ isikhalazo/ application/ ushishino/ esesikweni nezingekho sesikweni neeleta eziya kumaphephandaba) Isivi neleta eyikhaphayo/ iobhitshwari/ Iajenda nemizuzu yentlanganiso/ ingxelo esesikweni okanye engekho sesikweni/ irivyu/ inqaku lephephandaba/ inqaku lemagazini/ intetho/ ingxoxo/ udliwanondlebe/ i-imeyile | *I-Orali:<br>Intetho engalungiselelwanga<br>(15 amanqaku) | **Uvavanyo:<br>(35 amanqaku)<br>Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni<br>isishwankathelo<br>Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi |

**IKota 2**

| IKota- 6 | IKota- 7 |
|---|---|
| Uncwadi: (35 amanqaku) I-Asaynmenti yoncwadi (35)<br>Okanye<br>Imibuzo emifutshane (10 amanqaku) kunye nesincoko soncwadi (25 amanqaku) | *I-Orali:<br>Ukufunda ngokukhwaza okungalungiselelwanga/ intetho elungiselelweyo<br>(10 amanqaku) |

**IKota- 3**

| Umsebenzi- 8 | Umsebenzi- 9 |
|---|---|
| *I-Orali:<br>Ukufunda ngokukhwaza okungalungiselelwanga/ Intetho elungiselelweyo (10 amanqaku) | Iimviwo zeyoMsintsi (250 amanqaku)<br>IPhepha - 1 – Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni (70 amanqaku) - 2 iiyure<br>IPhepha - 2 – Uncwadi (80 amanqaku) – 2,5 iiyure<br>IPhepha - 3 – Ukubhala (Kungabhalwa ngoAgasti / Septemba) (100 amanqaku) – 3 iiyure |

*I-Orali: Abafundi kulindeleke ukuba benze ukuphulaphulela ukuqonda (umsebenzi 1), ibenye intetho engalungiselelwanga (umsebenzi 4), kunye nemisebenzi emibini yentetho elungiselweyo OKANYE ibenye intetho elungiselelweyo kunye nokufunda ngokuvakalayo okungalungiselelwanga (umsebenzi 7) kunye (umsebenzi 8)

**Uvavanyo malube namanqaku angama-35 kungenjalo ukubangaba angaphezulu makaguqulelwe kumanqaku angama-.35. Kucetyiswa ootitshala ukuba isicatshulwa, isishwankathelo nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi zisetwe (inkqubo yovavanyo, ixesha elabelweyo njalo njalo) lesikolo.

Uvavanyo kwiNkqubo yokuHlola malungenziwa lube ziziqendu ezincinane zovavanyo. Uvavanyo ngalunye malube nomlinganiselo owaneleyo womxholo, lusetelwe ukubhalwa kwimizuzu engama 45-60 kwaye luveze amazinga okuqonda awohlukeneyo ngohlobo ekusetwa ngalo kumaphepha eemviwo.